



Inombolo yefayili: 20/2/1/1  
Isalathiso: 20230919-8158

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0014/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli naBacebisi boVavanyo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zawo onke amaziko emfundo alungiselela abaviwa kwiiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

**Isihloko: Ulawulo lokubhalwa koMsebenzi woVavanyo okuMgangatho ofanayo (Common Assessment Task) wokuxabangela kwiSifundo solwazi ngezoBomi (Life Orientation (LO)) kwiBakala 12 ngowama-2023**

1. UMsebenzi woVavanyo okuMgangatho ofanayo (Common Assessment Task (CAT)) weSifundo solwazi ngezoBomi (LO) wabhalwa ngomhla we-04 Septemba 2023 ngokweNgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo 0012/2023 yomhla wama-25 Agasti 2023.
2. Abafundi abangazange bayibhale i-CAT ye-LO ngowe-04 Septemba 2023, baya kuvunyelwa ukuba bayibhale i-CAT yokuxabangela ye-LO, ecwangciselwe ukubhalwa **ngowe-11 Oktobha 2023 ukususela ngeye-09:00 ukuya kweye-11:30.**
3. **Ukulawulwa kokubhalwa kwe-CAT yokuxabangela ye-LO**
  - 3.1 Ziyacelwa iinqununu ukuba zenze amalungiselelo ayimfuneko okuqhutywa kolu vavanyo yaye maziqinisekise ukuba izikolo zazo ziyayithobela yonke imiqathango nemigaqo emalunga neemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (NSC).
  - 3.2 Amaphepha emibuzo e-CAT yokuxabangela ye-LO aya kukhutshelwa kuphela izikolo ezibaxelileyo abafundi ababengekho ngowe-04 Septemba 2023. Amaphepha emibuzo okuxabangela aya kunikwa izikolo phambi okanye ngowe-11 Oktobha 2023.

3.3 Abafundi abangayibhaliyo i-CAT ye-LO okanye i-CAT yokuxabangela ye-LO ngowama-2023 baya kufumana iziphumo ezingaphelelanga ze-LO. Aba bafundi baya kusiphinda isifundo kuqukwa ne-School-based Assessment ne-CAT ye-LO. Kubalulekile ke ngoko ukuba izikolo zibazise kwangexesha abafundi ababengekho ngowe-04 Septemba 2023 ukuba babhale i-CAT yokuxabangela ye-LO.

#### 4 **Ukumakishwa kwe-CAT ye-LO**

4.1 Ii-ofisi zezithili ziya kuzinika izikolo isikhokelo sokumakishwa kwe-CAT yokuxabangela ye-LO. Ii-ofisi zezithili nazo ziya kuqinisekisa nokuba ukumakishwa kwephepha lokuxabangela kumodareyithwa ngaphakathi esikolweni kwakunye nangaphandle yi-ofisi yesithili echaphazelekayo.

4.2 Ukumakishwa kwe-CAT yokuxabangela ye-LO makwenziwe esikolweni, phantsi kweliso lenqununu, kunye notitshala oneqhuzu okanye nentloko yecandelo ebambeleyo njengemodareyitha yangaphakathi.

4.3 Inkqubo yokumakisha iya kuqala xa isikhokelo sokumakisha sifunyenwe. Akukho zingxoxo zingesikhokelo sokumakisha ziya kuqhubeka. Kunokuqhagamshelwana nabacebisi besifundo be-LO malunga nayo nayiphi na imibuzo emalunga nesikhokelo sokumakishwa kwe-CAT yokuxabangela ye-LO.

4.4 Apho kukho ngaphezu kotitshala omnye ofundisa i-LO esikolweni, iinqununu zimele ukuqinisekisa ukuba ootitshala abazimakishi iincwadi zeempendulo zabafundi babo.

4.5 Izikolo ziya kuzalisa iirekhodishithi zesifundo kwikhompyutha (*electronic subject record sheets*) zeBakala 12 ze-LO ezifumaneka ngokukhutshelwa (*download*) kwi-CEMIS.

5 Nayiphi na imibuzo emalunga nokubhalwa kwe-CAT yokuxabangela ye-LO mayibhekiswe kuMnu Christiaan Klopper ngefoni apha 021 467 2407 okanye nge-imeyili apha: [Christiaan.Klopper@westerncape.gov.za](mailto:Christiaan.Klopper@westerncape.gov.za).

6 Kucelwa nazise ngale ngcaciso bonke ootitshala nabafundi beBakala 12 be-LO ukuze bayithathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-H MAHOMED

**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO**

**UMHLA:** 2023-09-20